Isalathiso: 20210512-2924
Inombolo yefayili: 13/8/3
Imibuzo: CA Berry

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0005/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeziFundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko alungiselela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, ezeSatifikethi seMatriki kunye neze-*Adult Education and Training Level 4*

Isihloko: Imimiselo nemigangatho yesefu ekunokungenwa kuyo/yegumbi elinqatyisiweyo lesikolo nokuphathwa kwezitshixo zesefu ekunokungenwa kuyo/zegumbi elinqatyisiweyo

1. Umgaqo-nkqubo ongemimiselo nemigangatho yokusetyenziswa kwesefu ekunokungenwa kuyo/wegumbi elinqatyisiweyo nokuphathwa kwezitshixo zesefu ekunokungenwa kuyo/kwezitshixo zegumbi elinqatyisiweyo, wasiwa kuzo zonke izikolo nakwiindawo zokubhalela uviwo ngoOkthobha 2020.

2. Iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) nezeSatifikethi seMatriki(*SC*) zangoMeyi/Juni 2021, ziya kuqala **nge-26 Meyi 2021** zize iimviwo zeMfundo noQeqesho oluQhubelekayo zangoMeyi/Juni 2021 i-*Adult Education and Training Level 4* (*AET L4*) ziqalise **nge-31 Meyi 2021**.

3. Kukhunjuzwa iinqununu zezikolo nabaphathi bamaziko okubhalela iimviwo amaziko e-*AET* adityanisiweyo ukuba bawuthobele ngokungqongqo lo mgaqo-nkqubo yaye bawusebenzise ngethuba leemviwo zangoMeyi/Juni 2021 ze-*NSC*, eze-*SC* kunye neze-*AET L4*.

4. ISebe leMfundo esiSiseko neSebe leMfundo leNtshona Koloni liya kuhlola yaye libeke esweni amaziko okubhalela iimviwo ngethuba lokuqhutywa kweemviwo zangoMeyi/Juni 2021 ze-*NSC*, ze-*SC* kunye neze-*AET L4* ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigaqo-nkqubo yeemviwo.

1 North Wharf Square, 2 Lower Loop Street,
Foreshore, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2265 Fax: +27 21 483 7658

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
Safe Schools: 0800 45 46 47
wcedonline.westerncape.gov.za

5. Apha kuqhotyoshelwe **njengesiHlomelo A,** umgaqo-nkqubo wemimiselo nemigangatho yesefu ekunokungenwa kuyo yesikolo/yezitshixo zegumbi elinqatyisiweyo.

6. Apha kulo mgaqo-nkqubo kuqhotyoshelwe izihlomelo ezibini ezongezelelweyo ukwenzela ukuba zisetyenziswe zizo zonke izikolo zikarhulumente nezizimeleyo, kunye namaziko e-*AET* ngethuba leemviwo zangoMeyi/Juni 2021 ze-*NSC*, ze-*SC* neze-*AET L4*.

   Isihlomelo 1- (Irejista yokurekhoda ukufikelela kwisefu ekunokungenwa kuyo/kwigumbi elinqatyisiweyo).

   Isihlomelo 2 (Iphowusta, ebonakalisa iingongoma ezibalulekileyo zemimiselo nemigangatho yesefu ekunokungenwa kuyo/yegumbi elinqatyisiweyo nokuphathwa komgaqo-nkqubo ongezitshixo).

7. Iphowusta eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo 2,** mayixhonywe elucangweni lwesefu ekunokungenwa kuyo/lwegumbi elinqatyisiweyo. Okukule phowusta kwakhona makuchazelwe abagadi babaviwa abachaphazelekayo kulawulo nokubhaliswa koviwo.

8. Iinqununu/abaphathi bamaziko mabafunde lo mgaqo-nkqubo yaye bazise okukule ngcaciso bonke abasebenzi ukuze bawuthathele ingqalelo.

ISATUNWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-05-18